Isiqinisekiso 2

Isihloko sesifundo: Ubhaptizo ngoMoya oyiNgcwele

Isikhokelo soMzali

Isikolo seCawa saseKhaya

Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiKolo seCawa esithi “Ubhaptizo ngoMoya oyiNgcwele”

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
1.	Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS
2.	Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo: • iBhayibhile • Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe • Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl. • Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela • ICatechism nemiBuzo neeMpendulo (ngokukhethekileyo kwisiqinisekiso) Qaphela: 2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa. . 2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho! ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45. 2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Isiqinisekiso 2). 2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla.
3.	Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo.

Ukwenza iSifundo seSikolo seCawa ekhaya

Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

Inyathelo	Omakukwenze
4	Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo. Umzekelo: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile.
5	Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde. Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo.
6	Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula.
7	Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho.
8	Fundisa isifundo kumntwana wakho.
9	Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo.
10	Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana
11	Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo.

Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiqinisekison 2.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana nomphathi webandla wesikolo seCawa nTitshala ukufumana iinkcukacha ezongezelelweyo.

Isifundo

Isihloko seSifundo	Ubhaptizo ngoMoya oyiNgcwele
Isifundo seBhayibhile	• Izenzo 1 vs. 4 - 8 • Izenzo 2 vs 1 - 4 • Izenzo 8 vs. 15 - 17 • UMateyu 28 vs 19 -20 • Yohane 3 vs 5 • 2 kwabaseKorinte 5 vs.17 • Yakobi 1 vs.18 • Kwabase-Efese 4 vs.13 • Yohane 14 vs.3

Injongo yesifundo	Iinjongo zesi sifundo zezi: 1. Abaqinisekiswa bayakholwa ukuba ngokuzalwa ngokutsha ngamanzi noMoya a) Umntu uba ngumntwana kaThixo, kwaye b) Ufumana iimfuno zokuqala zokuba lulibo c) Bafumene isitembiso sozuko lwekamva.

Isishwankathelo sesifundo:

UMoya oyiNgcwele wehlela kuYesu njengehobe emva kokuba uYohane umbhaptizi uYohane embhaptize ngamanzi. Wamkela uMoya oyiNgcwele ngokuthe ngqo kuYise (thekel. Mateyu 3: 16 no Luka 3: 22).
NgePentekoste, kwavakala isandi esivela ezulwini njengomoya onamandla. Iilwimi ezinje ngamadangatye omlilo zabonakala kwabathembekileyo ababebuthene ndaweni nye. UMoya oyiNgcwele wazinza kubo bonke ababendawonye njengoko iNkosi yayalelayo (thekel. Izenzo 1: 4-8 no 2: 1-4).
Kwibandla lokuqala, Abapostile bathulula isipho soMoya oyiNgcwele ngokubekwa kwezandla nomthandazo.
Namhlanje abaPostile abaphilayo bakaYesu Kristu bayasebenza kwiBandla eliTsha lobuPostile; Batywina abantu abakholwayo kwihlabathi lonke ngesipho soMoya oyiNgcwele.
Ngelixa athandazayo umpostile ubeka izandla zakhe emntwini athi, "Yamkela uMoya oyiNgcwele egameni loThixo ubAW, UNyana, noMoya oyiNgcwele."
INkosi uYesu yathi kuNikodemo, "Inene, inene, Ndithi kuwe, Ukuba umntu akathanga azalwe ngamanzi nanguMoya, akanakungena ebukumkanini bukaThixo" (Yohane 3: 5).
Ngokuba sinoMoya oyiNgcwele, kufuneka simthande uBawo wethu oseZulwini, simamele ilizwi likaThixo, kwaye siphile ngalo. Kufuneka sisoloko sizixakekisile ngemisebenzi eyahlukeneyo endlwini kaThixo, sithandaze kwaye sisoloko sifuna ukufunda ngakumbi ngoThixo.
Njengabantwana bakaThixo sinaso nasiphina isizathu sokuvuya. SinoBawo osezulwini osikhathaleleyo kwizinto zasemhlabeni, kodwa ngaphezulu kwako konke ngezasebumoyeni.

Sithetha ntoni esi Sifundo kuthi namhlanje?

Sifunda kwesi sifundo ukuba:
• Umpostile ophilayo namhlanje uthulula uMoya oyiNgcwele njengoko babesenza abafundi.
• Kufuneka ubhaptizwe ngamanzi uze ufumane uMoya oyiNgcwele ngompostile, ukuze ufumane ubuntwana kuThixo.
• Siba "zizidalwa ezitsha" emva kokuba sibhaptizwe ngamanzi noMoya oyiNgcwele kwaye kufuneka siwuvumele ukuba ukhule ngaphakathi kwethu ngokuthi sizixakekise ngomsebenzi kaThixo.
• Kufuneka sisoloko sifumana uvuyo kumsebenzi kaThixo njengoko sizilungiselela ukubuya kukaYesu.

Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. Wawufumana njani uYesu uMoya oyiNgcwele?
   Impendulo: UMoya oyiNgcwele wehlela kuYesu njengehobe, emva kokuba uYohane umbhaptizi embhaptize ngamanzi.
2. Wathululwa nini uMoya oyiNgcwele eYerusalem?
   Impendulo: Ngomhla wePentekoste
3. UMoya oyiNgcwele wathululelwa njani ngoMhla wePentekoste?
   Impendulo: Isandi sasivela ezulwini njengokugquma komoya onamandla. Iilwimi ezinje ngamadangatye omlilo zabonakala kwabathembekileyo ababebuthene ndaweni-nye
4. Imiphefumlo iyifumana njani isipho soMoya oyiNgcwele namhlanje?
   Impendulo: Ngokubekwa kwezandla nangomthandazo womPostile ophilayo
5. Angangena njani umntu kuBukumkani bukaThixo?
   Impendulo: Ngokubhaptizwa ngamanzi noMoya oyiNgcwele
6. Loluphi uhlobo lokuphila lomntwana kaThixo obhaptiziwe ngamanzi noMoya oyiNgcwele ukuba abe nayo?
   Impendulo: Kufuneka simthande uBawo wethu oseZulwini, simamele ilizwi likaThixo, kwaye siliphile. Kufuneka sihlale sizixakekisile ngemisebenzi eyahlukeneyo endlwini kaThixo, sithandaze kwaye sisoloko sifuna ukufunda ngakumbi ngoThixo.

Amanqaku ongezelelweyo Bazali abathandekayo

1. Umsebenzi womntwana mawenziwe kwincwadi yesiqinisekiso. Kuyinxalenye yesifundo

    22. Oku kunako ukwenziwa emva kokuba isifundo senziwe kubo okanye ukuba ukhetha, ungakwenza njengomsebenzi apho wena kunye nomntwana wakho niwenza kunye.

2. Njengenxalenye yomsebenzi wasekhaya, umntwana wakho kufuneka kwakhona aziqhelanise neNqaku loKholo lesi-8.

Amagama anje ngala:

Ndiyakholwa ukuba abo babhaptizwe ngamanzi kufuneka, NGOmpostile, bafumane isipho soMoya oyiNgcwele ukuze bafumanae ubuntwana kuThixo kwaye ngaloo ndlela bafumane imfuneko yokuba lulibo.

Abaqinisekiswa kufuneka babenako ukwazi inqaku ngalinye kumanqaku okholo okanye bakwazi ukuchaza ukuba kuyintoni na ekupheleni kwesifundo sabo sokuqinisekiswa.

Umthandazo katata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kuwe

Thumela uYesu ukuba aze kusiphuthuma

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen